Le ncwadana isebenza njengesikhokhelo ukuze kuqondwe ngemiba engundoqo kubuqhophololo obubhekiselele kwingxuba-kaxaka yotshintsho lwemozulu. Nangona yenziwe ngokweengcinga zaseMzantsi Afrika, okuqulethweyo kuyahambelana noluntu lwelizwe jikelele.

Le ncwadana ichaza ukuba yintoni ubuqhophololo botshintsho lwemozulu kunye nolawulo, ikwachaza ngeentlobo-ntlobo zalo kunye neendawo ezidla ngokuchaphazeleka, ikwajonga negalelo lobu buqhophololo nolawulo kunye nobulungisa ekuhlaleni yaye inike iindlela zokunceda abemi belizwe ukuba babone izenzo zobu buqhophololo kwindawo yotshintsho lwemozulu.

# 1. Yintoni ubuqhophololo kutshintsho lwemozulu?

Ubuqhophololo kutshintsho lwemozulu refers buthetha ukusetyenziswa kakubi ngabo basemagunyeni, ukusebenzisa kakubi ukuthenjwa ngabantu kunye/okanye neziseko ukuze umntu azuze yena okanye elo qela lopolitiko, kumba wongenelelo nolungiso kutshintsho lwemozulu. Oku kuquka ukulawulwa kakubi nobusela kwingxowa-mali yemozulu, ukusetyenziswa kakubi kwemigaqo-nkqubo yasekuhlaleni kunye negalelo elibi kwiinkqubo ezenzelwe ukujongana notshintsho lwemozulu.

Obu buqhophololo bujongela phantsi inkqubela-phambili kumaphulo emozulu afana nokwenziwa ngakutsha kwamandla, ukumelana neentlekele, ulondolozo nophuhliso olulinganayo kwiinkqubo, lo gama kulimala kakhulu uluntu nendalo yonke ehlelelekileyo.



# 2. Benzeka njani ubuqhophololo kutshintsho lwemozulu?

Ubuqhophololo kutshintsho lwemozulu kuquka amagosa karhulumente, abasebenzi bakarhulumente, kunye nokusetywenziswa kakubi kwezikhundla ezisemagunyeni okanye ukufikelela kwiziseko ezibhekiselele kwimozulu.

Umzekelo kuquka:

- Ukuguqula ingxowa-mali yentlekele eyenzelwe uluntu oluchatshazelwe zizikhukhula, imbalela okanye imililo yasendle.
- Ukunikezelwa kweekontraka kwiinkampani ezingafanelekanga ukuze zihlawule umrhumo wokunyoba.
- Ukwenza lula okanye ukutyeshela imithetho yezentlalo ukuze kuzuze ubani lowo okanye elo qela.
- Iingxelo ezingezizo okanye kubaxwe igalelo lamaphulo ezentlalo ukuze kufunyanwe imali yoluntu okanye kutsalwe umdla wotyalo-mali.




# 3. Iindlela eziqhelekileyo zobuqhophololo kutshintsho lwemozulu

Ubuqhophololo kutshintsho lwemozulu buthatha iindlela ezahlukeneyo, kuxhomekeke kwimeko yopolitiko, eyasekuhlaleni okanye eyasemthethweni. Ngokubhekiselele kwi-Corruption Watch, ezinye zeendlela ezininzi ezikhoyo eMzantsi Afrika ziquka:

- Ukunyoba nokuxhaphaza – oku kwenzeka xa amashishini okanye abantu benika okanye benyanzeliswa ukuba bahlawule imali ukuze benzelwe okuthile, kumaxesha amaninzi ukuze kutsitywe imithetho yezentlalo. Umzekelo, iinkampani zingahlawula umrhumo wokunyoba ukuze zimbe ngokungekho mthethweni, zilobe okanye zisebenze zingavumelekanga.
- Ukufumana umsebenzi ngokungekho mthethweni – oku kuquka ukuphazamisana neenkqubo zokufumana umsebenzi, ikakhulu kunikwe iinkampani ezizinikele ukuze zihlawule iintlawulo zokunyoba. Kwimisebenzi yemozulu, efana neendawo zokwenziwa kwamandla amatsha, oku kungakhokhelela ekubeni kukhethwe ikontraka engaqinisekiswanga, oku kufikelele kwiziphumo ezibi zomsebenzi okanye umsebenzi ungabi yimpumelelo.
- Ukungasetyenziswa kakuhle kweziseko – oku kuquka ukweba, urhwaphilizo nokusetyenziswa kakubi kwemali, abasebenzi nezixhobo ezibekelwe ukusebenza kumaphulo emozulu afana neenkqubo zamandla ohlaza okanye kujikwe leyo misebenzi yenze okunye. Oku kuvalela uluntu ukuba lufumane inkxaso ebalulekileyo.



- **Inkqubo i-climate-washing (greenwashing)** – this oku kuthetha ukwenza ngabom ukuba kumelwe inkampani okanye urhulumente kwimisebenzi yezentlalo. Kungenziwa amabango angekhoyo ukuze kutsalwe utyalo-mali, kufunyawe izibonelelo okanye inkxaso yoluntu – konke oku lo gama umsebenzi owenziweyo umncinane okanye ungenziwanga.





- **Ukubanjwa ngobhongwanakopolitiko** – oku kwenzeka xa iinkampani ezinamandla kakhulu zibeka uxinzelelo olungafanelekanga kwinkqubo yokwenza imigaqo- nkqubo, iinkqubo zolawulo okanye imithetho-siseko. Umzekelo, iinkampani zingafuna ukubanegalelo kwimithetho, ukuze yenziwe wokowoko ukuze ekubeni kufunyanwe inzuzo kunokhuseleko lwasekuhlaleni, nto leyo ijongela phantsi iinjongo zemozulu yehlabathi.

## 4. Iziphumo zobuqhophololo kutshintsho lwemozulu

Igalelo lobuqhophololo kutshintsho lwemozulu lihamba indima ende yaye lidala impixano, likwamisa kakubi ulingano ekuhlaleni:

- Ukuhamba ngonyawo lonwabu kwimisebenzi yemozulu – imisebenzi ebalulekileyo efana nokukhutshwa kwabasebenzi bokwenza amandla ngakutsha, igalelo lolondolozo kunye nokulungela iintlekele, konke oku kuhamba kancinci okanye kubekwe bucala.
- Ukwehliswa kwamazinga ezentlalo – ukwenyuka kwezinga lokuthezwa kwamahlathi, ukungcoliseko lwamanzi, ukuhliswa kokubaluleka komhlaba kunye nokukhutshwa kweziseko zendalo ngokungekho mthethweni, ukulimala kwendalo nazo zonke izinto ephilayo ngokwahluka kwazo.
- Uphuhliso olubi lwezakhiwo – izenzo zorhwaphilizo zikhokhelela kwizakhiwo ezingagqitywanga okanye ezingekho mgangathweni ofanelekileyo, nto leyo ingakwazi ukukhusela abantu kwizehlo ezihambelana nemozulu – iimeko ezifana nezikhukhula okanye ingqatsini yobushushu.
- Ukusetyenziswa kakubi kwengxowa-mali – imali ebekelwe ukumelana nemozulu kwiindawo zoluntu oluhlelelekileyo ezifana namafama eendawo ezincinane, abahlali bangaselunxwemeni, okanye iindawo zasematyotyombeni, iyamoshwa okanye ibiwe.
- Ukulahleka kwentembeko yotyalo-mali – amasebe abucala angarhoxa kwiinkqubo ngenxa yemeko eyenziwa bubuqhophololo, kwehle iingxowa-mali zezinto ezibalulekileyo nemveliso yezinto ezintsha.
- Ukungathenjwa luluntu ngenxa yokuvela kwezinto ezimbi – xa urhulumente engakwazi ukunika iinkonzo ezifanelekileyo ngenxa yobuqhophololo, uluntu luyehla ukumthemba, nto leyo yehlisa ungenelelo loluntu nokuphendula kurhulumente.
- Ukungakwazi ukumelana neenjongo zemozulu zelizwe – ubuqhophololo bujongela phantsi igalelo lokufikelela kwizivumelwano zehlabathi ezifana neSivumelwano saseParis, ekungenza amaqondo ehlabathi anyuke, kunyuke amazinga olwandle kunyuke neentlekele zemozulu.
- Ukunyuka kakubi kokungalingani – inzuzo yeemali zemozulu neenkqubo igcinwa ngoosozimali nabasemagunyeni, lo gama uluntu olungathathi-ntweni lujongene nokwehla kwezinga lezentlalo, ukungemi kakuhle nokunqaba kweziseko. Oku kunyusa iintshukumo ekuhlaleni nakwicandelo lopolitiko.



# 5. Kujongwana njani nobuqhopholoIo kutshintsho lwemozulu?

Ngokuqonda ukuba ubuqhophololo bujongela phantsi inkqubela kwimozulu, sizixhobisa thina neendawo zethu zasekuhlaleni ukuze sinyanzelise ulawulo olubhetele nobulungisa kwezemozulu.Ngako oko, ukuphelisa ubuqhophololo kwezemozulu yinto ebalulekileyo ukuze kubekho ikamva elilungileyo nelizinzileyo. Abemi belizwe, abasebenzi bakarhulumente nabeenkonzo zabucala kufuneka basebenze kunye ukuze:

- Kunyuswe izinga lokungafihli-zinto kwiimali zemozulu nakwimisebenzi eyenziwayo efana necebo lotyalo-mali yokutshintshwa kwamandla.
- Kuqiniswe iinkqubo ezisemthethweni kunye neendlela zonyanzeliso ezifana nomthetho wokutshintsha kwemozulu, iinkqubo ezifanelekileyo kunye namasebe karhulumente.
- Ukuqinisekisa ungenelelo oluquka wonke ubani ekuthatheni izigqibo ezifana nokunikwa kweelayisenisi zokumba imigodi.
- Ukuxhasa ukuhlolwa okuzimeleyo nokukhuselwa kwabo banika iinkcukaca ngokuyimfihlo.

# 6. Luyintoni ulawulo lotshintsho lwemozulu?

Ulawulo lotshintsho lwemozulu luthetha imithetho, iinkqubo, amaziko nemigaqo-siseko ebonisa ukuba urhulumente noluntu ngokubanzi bangaphendula bathini kumngcipheko wemozulu. Ulawulo olusebenzayo luqinisekisa ukuba ukungenelela (lwehlisa imisi) nolungiselelo (lulawule negalelo) kwenziwa ngokulinganayo, kungafihlwa nto yaye kuyinto ezinzileyo.
EMzantsi Afrika, ulawulo lwemozulu lunqandwa koku:

- **Yindlela amaziko enziwe ngayo:** Uxanduva olumbaxa kumasebe onke (ezentlalo, amandla, urhwebo, njl njl.) lukhokhelela kwiinkqubo ezingacacanga.
- **Amandla kamasipalati a-ethe-ethe:** oorhulumente abaninzi basekuhlaleni abanazimali nobugcisa bokwenza iinkqubo zemozulu okanye abakwazi kumelana neentlekele.

- **Izikhewu kwindlela yokwenza:** Imigaqo-nkqubo emininzi ikhona, kodwa unyanzeliso alukho mgangathweni ngenxa yomdla ongekho bantwini nokungabikho kweziseko nomnqweno wezopolitiko.
- **Uluntu olunikwe imida:** iilali, iindawo ezibudolophu-rha kunye neendawo zasematyotyombeni zidla ngokungafakwa kucwangciso nenkxaso.



# 7. Ziziphi izisombululo ezifunekayo?

Ukuqinisa ulawulo lwemozulu nokunyusa ubulungisa kwimozulu, la manyathelo alandelayo abalulekile:

- **Ukuthatha inxaxheba koluntu nokwakha ulwazi:** Ukuxhasa uluntu olungathathi-ntweni, ingakumbi iindawo zasematyotyombeni kunye namafama eendawo ezincinane, ukuze kuqondwe ngomngcipheko wemozulu negalelo ekuthatheni izigqibo.
- **Ukumelana neemeko koluntu:** Ukuxhobisa uluntu ukuba luye kwaye lusebenzise iinkqubo zasekuhlaleni xa lusothuswa yimozulu kusetyenziswa ulwazi neendlela zemveli ezifana nonxibelelwano lwezinto eziphilayo [agroecology], ukuzigcinela amanzi nokogqunywa komhlaba ngamagqabi nengca.
- **Ukujonga ukuma kakubi komhlaba:** Amalungelo omhlaba ome kakuhle ayafuneka ukuze womelele. Uluntu olungenawo umhlaba ngokusemthethweni ludla ngokubekwa bucala kwiingxowa zemozulu yaye alukwazi ukutyala imali kwiinkqubo ezizinzileyo.
- **Ukunyuswa kweenkqubo zokufumana ukutya ekuhlaleni:** Kuphindiswe ulawulo lokutya namanzi eluntwini kunye nabavelisi beendawo ezincinane. Iinkqubo zasekuhlaleni zinyuse ukhuseleko lokutya yaye zakhe uzinzo kwimozulu.




# 8. Imigaqo-nkqubo, imithetho, kunye namasebe alawula ukutshintsha kwemozulu

## 1. UMgaqo-nkqubo weLizwe woTshintsho lweMozulu wama-2011 [National Climate Change Response Policy] (NCCRP)(2011)

I-NCCRP ngumgaqo-nkqubo osisiseko wemozulu woMzantsi Afrika, onika igalelo ukunciphisa imisi yeerhasi ezingcolisa umoya lo gama inyusa uphuhliso oluzinzileyo. Ithatha indlela embini, iqwalasele ungenelelo lolungiso (ukucutha imisi) nokulungiselela (ukwakha ukomelela). Lo mgaqo- nkqubo uquka amaqhinga ajongene necandelo elo lamandla, ezolimo namanzi ukuze kujongwane nomngcipheko wemozulu kwaye kutshintshelwe kuqoqosho olukhupha ikhabhoni kancinane..

## 2. UMthetho weLizwe woLawulo lwezeNtlalo wama-1998 we-107 olungisiweyo [National Environmental Management Act (NEMA) (No.107 of 1998, amended)]

I-NEMA liqumrhu eliquka konke elisemthethweni lokhuseleko lwezentlalo eMzantsi Afrika. Iquka okubekelwe ukulungisa utshintsho lwemozulu nolawulo lweentlekele, kuqinisekiswa ukuba imigaqonkqubo yezentlalo ihambelana neenjongo zokumelana nemozulu. Umthetho lo uxhasa uphuhliso oluzinzileyo lo gama ujongene nemingcipheko yezinto eziphilayo neendawo ezihlala kuzo.

## 3. IQhinga lokuziQhelisa leLizwe lika- 2020 [National Adaptation Strategy (2020)]

Eli qhinga liqwalasele ukumelana nemozulu kumacandelo abaluleke kakhulu afana namanzi, ulimo nelempilo. Ijongana nezothuso ezifana nembalela, izikhukhula kunye nengqatsini yobushushu, ukunceda uMzantsi Afrika ulungise ukuze uqhele igalelo lemozulu.

## 4. Isakhelo soTshintsho oluLungileyo [Just Transition Framework]

Injongo yaso lutshintsho olulinganayo loqoqosho kwiindawo ezikhupha imisi engcolisayo, esi sakhelo siqinisekisa ukuba abasebenzi noluntu abaxhomekeke emalahleni abasali ngasemva. Igxininisa ekwenzeni ubugcisa ngakutsha, uqoqosho olwahlukeneyo kunye nokhuseleko ekuhlaleni ukuze kuxhaswe amaqela achaphazelekayo ngexesha lotshintsho lwamandla.

## 5. UMthetho woLawulo lweeNtlekele wama 2002 [Disaster Management Act (DMA)(No.57 of 2002)]

II-DMA yindawo ebalulekileyo yomthetho-siseko eMzantsi Afrika enika isakhelo sokulawula iintlekele, kuquka iintlekele ezenziwa yindalo, ezenziwa bubuxhaka-xhaka bangoku kunye nezimo eziphuthumayo zelizwe. Yenziwa ukuze iqinisekise indlela ethungelanayo nequqzelela ulawulo lweentlekele kwii-arhente zonke namasebe ahlukeneyo karhulumente.







# 9. Ikhwelo lokuthabatha amanyathelo: Qinisa ulawulo lwemozulu olunobulungisa noluquka konke

South Africa's Impendulo yemozulu yoMzantsi Afrika kufuneka igxile ebantwini kwaye isekwe kubulungisa. Izinto eziphambili ngokubaluleka ziquka:

- Inkxaso-mali yamanyathelo oluntu: Inkxaso-Ukujolisa ngqo imali yemozulu kookopolotyeni, amafama, kunye namaqonga oluntu asekuhlaleni.
- Uhlengahlengiso lwemifuziselo yengqesho yomhlaba: Ukukhuthaza imifuziselo edityanelweyo nelinganayo yengqesho yomhlaba exhobisa amaqela awayekade engabandakanywa, kuquka abafazi nolutsha..
- Ukuqinisekisa uxanduva lokuphendula: Ukubeka amagosa karhulumente aphendule ngokuzisa izicwangciso zemozulu kunye nokubhengeza inkcitho. Ukubhenca kwaye ucele umngeni kwimpembelelo yeshishini.
- Khusela inzululwazi nenyaniso: Seka amaziko oluntu enzululwazi, ukhuthaze ulwazi lwemozulu yolutsha, kwaye ulwe nolwazi olungachananga.
- Khuthaza utshintsho olunobulungisa ukusuka ngezantsi: Scale Ukwandisa ukudalwa kwemisebenzi eluhlaza kunye nokuphila okuzinzileyo kwasemaphandleni ngamaphulo akhokelwa luluntu.

# 10 . Ukuxela ngobuqhophololo kutshintsho lwemozulu kunye nemiba yolawulo lukarhulumente


## 1. ICandelo loPhando oluKhethekileyo [Special Investigating Unit (SIU)]

- Indima: Iphanda ngobuqhophololo, ulawulo olugwenxa kunye nobuqhophololo kumaziko karhulumente.
- Ukusebenza ngokwemozulu: Kungakhokhelela ekusebenziseni kakubi iimali zemozulu (umzekelo, ubutsotsi obubalula ukwenziwa kutsha kwamandla, ukunikwa kwemali zokusebenzisa ikhabhoni).

- ### Zixelwa phi yaye kanjani izenzo zobuqhophololo ezibhekiselele ekusebenzeni kwemozulu:
  - o Kumnatha:www.siu.org.za
  - o Umnxeba: 0800 037 774
  - o Nge-E-mail:siu@siu.org.za


## 2. KuMkhuseli woLuntu [Public Protector (PPSA)]

- **Indima:** Uphanda ukuziphatha okungafanelekanga kwimicimbi karhulumente.
- **Ukusebenza ngokwemozulu:** Uthatha izikhalazo ezibhekiselele ekulawuleni kakubi imigaqonkqubo yemozulu.
- **Kuxelwa njani:**
  - o Kumnatha:www.pprotect.org
  - o Umnxeba:0800 112 040
  - o Undwendwela ngesiqu : ii-ofisi zengingqi.



## 3. Amagosa i-Green Scorpions (ABahloli boLawulo lwezeNtlalo)

- **Indima:** Anyanzelisa imithetho yezentlalo, kuquka ukungahambelani neemeko zemozulu.
- **Ukusebenza ngokwemozulu:** Kuphandwa imisebenzi engekho mthethweni yekhabhoni, ubuqhophololo kungcoliseko okanye imisebenzi engeyonyani yongcoliseko lomoya.
- **Kuxelwa njani:**
  - o Umnxeba:0800 205 005(umnxeba we-DEFF)
  - o I- E-mail:environmentalcomplaints@dffe.gov.za



## 4. IZiko leeNkcuba-buchopho kwezeZimali [Financial Intelligence Centre (FIC)]

- Indima: Lihlola urhwaphilizo lwemali kunye nokusetyenziswa kwemali.
- Ukusebenza ngokwemozulu: Ukuxela ngokusebenza kwemali okukrokrisayo kwizibonelelo zemozulu kwiimalike zekhabhoni.
- Kuxelwa njani:
  - o Kumnatha:www.fic.gov.za

## 5. IiNtloli zobuQhophololo [Corruption Watch]

- Indima: Iziko elingelilo elikarhulumente [NGO] eliveza phandle ubuqhophololo.
- Ukusebenza ngokwemozulu: Ukungena kumaqela axhasa ulawulo lwemozulu nemiba yolawulo nobuqhophololo, ndwendwela i- www.corruptionwatch.org.za.
- Kuxelwa njani:
  - o Kumnatha:www.corruptionwatch.org.za
  - o Ku-WhatsApp:0825795220



## 6. INkonzo yesiPolisa yoMzantsi Afrika [South African Police Service (SAPS)] – ICandelo loLwaphulo-mthetho kwezoShishino [Commercial Crimes Unit]

- Indima: Iphanda ulwaphulo-mthetho kwezemali, kuquka ubuqhophololo kwimisebenzi ehambelana nemozulu.
- Kuxelwa njani:
  - o Ndwendwela: ISititshi samaPolisa esikufutshane (ucele iCandelo loLwaphulo-mthetho kwezoShishino.
  - o Umnxeba:0860 010 111

## 7. UMphicothi-zincwadi oyiNtloko woMzantsi Afrika [Auditor – General of SouthAfrica (AGSA)

- Indima: Uphicotha inkcitho yoluntu, kuquka ulwabiwo-mali lwemozulu.
- Ukuhambelana nemozulu: Umemeza ngokusetyenziswa kakubi koqhelelwaniso kwimozulu/iimali zokulungisa imiba yemozulu.
- Kuxelwa njani:
  - o Nge- E-mail:agsa@agsa.co.za
  - o Umnxeba: 0124 268 000

# 11. Ukugrunjwa kwezimbiwa, ukusebenza komhlaba nobuqhophololo eMzantsi Afrika

*Ngokubhekiselele koko kufunyenwe kwiNgxelo i-Looted Promises Report (MACUA & WAMUA, 2025)*

UMzantsi Afrika unezona zimbiwa zibalulekileyo. I-Manganese, i-copper, i-cobalt, i-platinum, nevanadium zibalulekile ukuze zigcine amalahle amandla [battery] kakhule, iimoto zombane kunye neendawo zokwenza amandla amatsha. Oku kubeka ilizwe njengomniki-nkonzo yamandla welizwe jikelele oneqhinga langoku. Nangona kunjalo, ubungqina bangoku bubonisa ukuba ukugrunjwa kwezi zimbiwa kunegalelo kurhwaphilizo, ukuthathwa ngolunya kwemihlaba nokubekwa bucala kwabantu kunophuhliso olulinganayo.

## Okufunyenweyo okungundoqo (uphicotho-zincwadi loluntu luka 2022–2024):

- Ama 23% eeprojekthi zophuhliso zeSicwangciso sasekuHlaleni neseMisebenzi [Social and Labour Plan (SLP)] zagqitywa njengoko kuthenjisiwe.
- Ama R284-ezigidi – okanye malunga nama 75% zemali ze- SLP ebezifanele ukusebenza azikho, azibhalwanga okanye kunikwe ingxelo engeyiyo ngazo.
- Iinkampani zezimbiwa zisebenzisa kakubi umthetho yaye zinike iingxelo ezingezizo zokugqitywa kweprojekthi, ziququzelelwa ngamagunya a-ethe-ethe okanye angasebenzi kakuhle.
- Uluntu luxela ngokohluthwa kwemihlaba, ukungaxelelwa zinto nokwehla kwamazinga ezentlalo aqhotyoshelwe kwezi projekthi zokumba zintsha.
- Oomama, ulutsha kunye namaqela abekelwe imida yabucala badla ngokungafakwa xa kuthathwa izigqibo nakwiinkqubo zemisebenzi.

## Ukubonwa kwemiba yeenkqubo:

- **Ukufelisha kwezakhelo ze-SLP:** Ukungabikho kwenkqubo yokuhamba-ze, ukuphendula nonyanzeliso.
- **Ukophuka kolawulo:** Amaqumrhu olawulo karhulumente ayohluleka ukuqinisekisa ukuba inkampani ihamba ngokomthetho yaye ngamanye amaxesha bazidibanisa ngokwezimali nangokopolitiko nezo nkampani zokumba.

- Ukusebenzisa kakubi igama lophuhliso: Amagama afana "nokwakhiwa kwemisebenzi" neli "ukuTshintshela eMandleni aLungileyo" asetyenziswa ukuze atsale yaye alawule iinjongo zoluntu.
- Ukungabikho kwe-FPIC: IiProjekthi ziyaqhubeka ngaphandle kwemvume yangaphambili neyaziwayo nekhululekileyo, kungahanjwa ngokwamalungelo okusebenzisa umhlaba.

### Iinkqubo eziphakanyiswayo:

- Ukhuselo olusemthethweni: kwenziwe iikhowudi ze-FPIC yaye kuqiniswe amalungelo omhlaba oluntu kunye nemithetho yokumba yelizwe.
- Iindawo ezizimeleyo zokuhlola imisebenzi: Kusekwe amaqela olawulo angaphandle anegunya lokwenza uphicotho-zincwadi yaye anyanzelise ukuhamba ngokwemigaqo.
- Ulawulo oluseluntwini: kusekwe ukucwangciswa nokuthathwa kwezigqibo okukhokhelwa ngamaziko emihlaba asekuhlaleni nokumisela amaziko.
- Iinkampani ziphendule ngemisebenzi yazo: kuqhotyoshwe amalungelo okumbakokufunwa luluntu yaye kubekwe izigwebo zokungahambelani nemithetho.

Imeko ekhoyo yokugrumba imihlaba ikhuthaza ukwenza inzuzo ngaphezu kwempilontle yoluntu. Ngaphandle kwenkqubo esebenza kakuhle, indima yoMzantsi Afrika kuqoqosho lokucoca umoya. iya kubekela bucala abanye yaye bangalingani kunokuba kubekho uphuhliso oluzinzileyo.

# 12. Iziganeko

### Ukunyoba nokufunyanwa kakubi kwemali:

U-Karl wayefuna ukwakha ivenkile encinane ekhayeni lakhe eGoli [Johannesburg] ukuze enze inzuzo yemali kubafundi abakwisikolo esikufutshane. Umakhelwane wakhe uLindiwe akazange alivume eli cebo, enexhala lokuba lizakuza nengxolo, ungcoliseko kunye neemoto ezininzi kwisitalato sabo esinohlaza nekuthulekileyo kuso. U-Karl akufumanisa ukuba imithetho yemida yasekuhlaleni kunye nokwala koluntu kungavalela icebo lakhe, wahlawula igosa lesithili ama-R5 000 ukuze liphumeze isicelo sakhe ngokungekho mthethweni.

Igosa elo zange liyinake imithetho efanele ukukhusela uluntu ekuhlaleni. Emva koko, kwaqalwa ukwakhiwa ngokukhawuleza ngaphandle kokudibana noluntu okanye ngaphandle kokuba kuhlolwe ekuhlaleni. Iprojekthi leyo yonakalisa izityalo, yenyusela

ukuhamba kweemoto yaye yeza nenkunkuma yeeplastiki kuloo ekuhlaleni. Abamelwane bacaphuka yaye ubume besitalato bokuthula noohlaza balahleka.

## Ukufumana izinto ngendlela engeyiyo:

Kwakhutshwa uxwebhu lokwenziwa komsebenzi ukuze kutshintshwe indawana ethile yomhlaba ukuze ibeyipaki yoluntu lwasekuhlaleni. Iinkampani ezininzi zafaka izicelo, kuquka noyilo oluzinzileyo lwexabiso eliphantsi lweendawo zohlaza neendawo zokudlala zoluntu. Nangona kunjalo, inkampani i- On Par Consulting yanikela nge- 10% yemali, inika igosa lesebe bucala, ukuze inkqubo yokufunyanwa komsebenzi ibe ngecala labo.

Imbuyekezo yoko yaba kukuba igosa liphazamisane neenkqubo yokufumana umsebenzi kwezinye iinkampani, lingapasisi izicelo ezomeleleyo yaye lisehlisa uhlolo lwegalelo lomsebenzi ekuhlaleni. Iziphumo zaloo nto zaba kukuba i-On Par iwine ikontraka enesicwangciso sokwakha ibala lokudlala igalufa elinamanzi, endaweni yepaki yoluntu.

Isigqibo eso zange sizikhathalele iimfuno zoluntu yaye sabekela bucala uhlolo lwasekuhlaleni. Iprojekthi leyo yakhokhelela ekusebenziseni amanzi kakhulu, kwafa izityalo yaye yehlisa ukufikelela koluntu kwindawo enohlaza, ijongela phantsi iinjongo zentlalo noluntu.

## Ukusebenzisa kakubi iziseko

Kwindawo egqugqiswa yimbalela yaseNtshona-Koloni, kwanikezelwa ngesibonelelo sikarhulumente se R1 bhiliyoni ukuze kwakhiwe iinkqubo ezimelana nemozulu zamanzi yaye kuphuhliswe amaphulo ezolimo amelana nembalela, kubantu abangathathi-ntweni emaphandleni. Ezi projekthi zazenzelwe ukuze zincede uluntu lwasekuhlaleni ukuze lumelane nembalela eya ibambi kwakhona zincede kwizivuno ebezingafumaneki.

Endaweni yaloo nto, inkulumbuso yephondo yajika iimali ngokusebenza namaqela eenkampani. Imali yasetyenziswa ukuthenga iimoto zodidi oluphezulu, kwatyalwa imali kwiibhanka ezikwamanye amazwe kwaye kwakhiwa umzi-mveliso wewayini. Ukuvala obu busela, i-ofisi yenkulumbuso yanika iingxelo zobuxoki isithi umsebenzi ugqitywe ngempumelelo.

Ngelo xesha, uluntu lwalungaxhaswayo. Abahlali basemaphandleni baqhubeka bexhomekeke emanzini angcolisiweyo, besika emaquleni, izityalo zisifa yaye lungafiki uncedo abathenjiswe lona – konke ngenxa yezimali ezibiweyo zasetyenziswa ukuze kuzuze umntu omnye.

## Ukubanjwa ngobhongwana kopolitiko nolawulo

Inkulumbuso yeMpuma-Koloni, yaphumeza isicelo seprojekthji yemibhobho yegesi, ngenxa yoxinzelelo elufumana kwinkampani yabucala yamandla, nangona oko kulimaza izinto eziphilayo zasekuhlaleni. Zange iyikhathalele imithetho yasekuhlaleni, inkulumbuso yathatha isixa-mali sokunyoba, kuquka izipho zikanokutsho kunye neentlawulo ezisuka kumazwe angaphandle, ukuze kuqhutywe loo msebenzi. Kwakhona, wahlawula iindawo ezithile ukuze zingasiso umngcipheko wegalelo loku emanzini kunye nemihlaba yemveli, waza wasebenzisa igunya lakhe ukuze kuvalwe imibuzo yophando ngokuthi anyobe abo benza imithetho.

Bathi bakulwa abantu basekuhlaleni, inkulumbuso yakhupha amapolisa ukuze athulise abo balwa nayo. Kwathi kwakuqalwa ukusetyenzwa, kwangcoliswa iziseko zamanzi futhi kwangahanjwa ngokwemithetho yaye kophulwa amalungelo oluntu, kwazuza inkampani yamandla kunye nenkulumbuso ngokwasezimalini. Uluntu lwathi lwakubona ukuba inkulumbuso isebenzisa igunya kakubi, lwalahla ithemba kurhulumente, nanjengoko iinkqubo zolawulo ziye zajongelwa phantsi ukuze kuzuze abantu bucala.

## Ukucocwa komoya [Climate-washing (greenwashing)]

Inkampani enkulu yabucala yaseka iphulo elinamandla lentengiso, lisithi likhokhela kumsebenzi wokwenziwa kutsha kwamandla nozinzo eMzantsi Afrika. Le nkampani yaphumeza iphulo elitsha lokucoca umoya ["green" initiative], lidlisela ngokuba iinkqubo zalo aziyi kukhupha ikhabhoni yaye licela ukwenza iimveliso ezisebenza kakuhle ezingangcolisi moya neziza kuhlisela imisi engcolisa umoya. Bafumana izigidi kwizibonelelo zikarhulumente yaye batsala abatyali-zimali abazi kakuhle ngezentlalo.



Nangona kunjalo, kwakuqwalaselwa kufutshane kakuhle, kwavela ukuba iimveliso zenkampani leyo zazingafani nokuba bezichaziwe. Inkampani yenza njee utshintsho oluncinane kwiinkqubo zayo, lo gama iqhuba ukuxhomekeka emandleni eefosili. Iimveliso zabo ekuthiwa zilwa nongcoliseko lomoya zazenziwe kusetyenziswa imixube enegalelo elibi yaye iinkqubo zabo ezingenakhabhoni, njengoko babesithi bayazixhasa, zazingekho kwazona. Inkampani yenza kancinane okanye zange yenze kwanto ukunciphisa ungcoliseko kodwa yaqhubeka isebenzisa ubuxoki ukufumana izibonelelo nokuzakhela igama eluntwini.

Ngelo xesha, amaphulo enyani emozulu ebekufanele ukuba abenegalelo aye anikwa inkxaso-mali encinci, njengoko utyalo-mali lukarhulumente nolwabucala lwajikwa ukuya kule nkampani ngenxa yezithembiso zokulwa ungcoliseko. Abathengi nabatyali-mali bashiywa bengazinto, lo gama inkampani le yaqhubeka izuza kumsebenzi wayo wokuvela ngobuxoki ekuhlaleni.



